lnkonzo yakusasa
Umkhokeli : Egameni lika Thixo, uYise, uNyana noMoya oyiNgcwele
Amen

Umkhokeli:
Sisondela kuwe Thixo sinombulelo ngako konke osenzele kona, xabesilele senze umfuziselo wokufa, usikhusele ngabo ubusuku obudlulileyo. Bawo ongunaphakade ngexa yobukhulu namandla ubungangamsha igunya onalo wena ubona apho singaboni khona, wazi konke kungekenzeki. Ngenxa yothando lwakho siphephise usikhokele kuzo zorke imeko esizakuhlangabezana nazo ngalemini. Krestu viena ungumlondolozi wethu sithembele ngawe, weza emhlabeni ukuze uthabathele kuwe zonke iziphoso zdhu ngokufa nokuvuka kwakho.

Impendulo: **Nkosi sibulela inceba yakho**

(Masikhe sithi cwaka)
Sit&i sonke:

Bawo ongamandla onke Thixo mdali wezulu nehlabathi, wena uthanda abantwana bakho bakhululeke, hangabi ngamakhoboka nayiphi na into . Kungoko sisiza kucela ukhuselo lwakho. Siphe amandla okumelana nokulawula nako konke ukungedawo njengoko uYesu wasifundisayo. Amen

lculo: 191 (ngamazwi othobileyo)
Krestu, ulelona Liwa
Usisimakade;
Ungumntunzi kwelenxano
'Siwubulelayo.

Indumiso 46: 1-1 lkwiphepha 660

(Emva kwendumiso kuthethwalkuculwa)

Uzuko kuYise nakul\lyana : nakuMoya oyingcwele.
Kwevela kusenjalo nanamhla; kohlala kunjalo ngonaphakade.
Amen

(Masikhe sithi cwaka)
Maithandaze: .(umbulelo. izicelo)

Siyakubonga Kurnkani ng:okuba unguMalusi olungilelzo. unamandla okuphilisa zonke izifo. nokuvuqa Abafayo

Nkosi ngenceba yakho

Yesu,ubukumkani bakho mabufike, Siyacela usiphe ubulumko bokuwenza ngenyameko umsebenzi ophambi kwethu

Nkosi ngenceba yakho

Yesu unguKumkani noMalusi olungileyo owabuncamela izimvu ubomi bakho .
Sikhokelsle osi Sizwe kwinzame esizaruayo sikhokelele kwinzaliseko yothando novuyo lwakho.
Nkosi ngenceba yakho

Yesu kumkani onamndla onke siphe ubulumko nokomelela ukuze siluvume ukholo lwethu njengoko abaprofeti nabafeli babesenza njalo.

Nkosi ngenceba yakho

Nkosi ebongwayo sithandazela umongameli inkokheli neziphathamandla zesiSizwe.
Mphe ubulumko uMargaret ubhishophu wale dayosisi kwakunye nezinye iibhishophu, yibano Thabo uarchbhishophu kwakunye nabo bonke abefundisi, amarhamente ,abahambisi bofusasazwa kwelizwi lakho .

Nkosi ngencebayakho

Ngalo elixesha Bawo thululela umoya wobulumko kwingcali ozityumbileyo zilifumane ichiza lokunyanga esisifiso i COYID 19.

Nkosi ngenceba yakho

Thixo wobabalo usinikile ubulumko bokukwazi uphumela kwingxingongo zobubomi wasithembisa ukuba xa ababini nabathathu behlanganisene egameni lakho uyakubenzela izicelo zabo. phumeza ngoko Bawo iminqweno yabantu bakho usinike oko sikufaneleyo.

Amen
(Masikhe sithi cwaka)
Sithi sonke

ISTYUMO SOKIIOLO SABAPOSTILE! !
Ndiyakholwa kuThixo, uYise ongamandla onke umdali wezuku nomhlaba.
Ndiyakholwa kuYesu Krestu, okuphela koNyana wakhe iNkosi yethu.
Owakhawulwa ngoMoya oyiNgcwele wazalwa yiNtombi uMariya.
leva iintlungu ngemihla kaPontiyo Pilato wabethelelwa emnqamlezwenio wafa" wangcwatywa.
Wehlela kwelabafileyo.
Wathi ngomhla wesithathu wavuka }welabafileyo.
Waza wenyukela ezulwini uhleli ngasekunene kukaThixo uyise.
Apho aya kuvela khona aze kugweba abahleliyo nabalileyo.
Ndiyakholwa kuMoya oyiNgcwele kwiKerike engcwele ekhatolika ubudlelane babangcwele kuxolelo lwezono kukuvuka komzimba ekufeni nakubo ubumi obungunaphakade.
Amen (incwadi yomthandazo yasetshetshi 1989: pg 448-a9)

Umbongo wethemba:

NALEMIIU TVELA KTIWE

Kwakusasa izinto zonke zibulela kuwe Nkosi
kuba unobomi bonke, nathi sigcinwe nguwe.
Ilanga liphumela ukuhambha indlela yalo
Wena ulilanga lomphefumlo warn,
ubusuk'abukho kum kuba wen'uhleli nam.
Nale mini ivela kuwe izabakukukhanya ebomini bam.
Zor1r', izinto zikhangele kuwe Bawo;
Velel abantu bakho abakwimeko ngemeko,
phumeza iminqweno yabo kuba bathembele kuwe.

Yiza usisikelele ngalemini,
yiba ngumkhuseli wethu ungadinwa ke nangomso werzenjalo.

Amazwi ethembha alemini }Nsindumiso 46

- UThixo wasiqisekisa ukuba akukho namnye onokusahlula nawe , kungekho nanye into nokukwahlula ngoba ungumdali wezinto zonke.
- Ngelizwi lakhe waphanzisa konke okwakucetywe zizikumkani zomhlaba **.**
- Ukuphulaphula izwi lakho kuyinanzo,

nje gomntwana ophuma ebamnyameni ngethemba lnk*va izwi lomzali ettthi bambha ndiioneile n t*,.anq warn ande ayokusithela wnntwana eugahoni umzali kodwa libe linkenteze izwi lomza ezindlebent zakhe elithi (hambha ndijongile mtwana wam)
Masihambhe ngesthindi sisazi nje umzali (uThixo) usijongile kwaye usikhusele

- Onke amaxhala ethu masiwaphose kuye, thina sithule sithi cwaka sibone azakusenzela kona uThixo.
- Njengamajoni kumele silindele imiyalelo kumphathi mkhosi, nathi kumele sibure kuMdali wethu esimele ukukwenza.

(Masikhe sithi cwaka)
Sithi sonke

Bawo wethu osezulwini
malingcwaliswe igama lakho
mabufike ukukumkani bakho
mayenziwe intando yakho emhhbeni njengaseZulwini.
Siphe namhlanje isonka sethu semihla ngemihla.
Usixolele izono zethu
njengokub* nathi sibaxolelayo abo basonayo.
Ungasiyekeli ekulingweni
koko sisindise erkohlakalweni.
Ngokuba bobakho ubukumkani, namtndla, nozuko
ngoku nangonaphakade.
Amen (incwadi yomthandazo yasetshetshi 1989:pg 49)

Umthandazo wokuvala
Sithi sonke

Siyazi Bawo ukusishiyanga sodwa krvelidabi lokulwa esi sifo singumbulalazwe rsiphephise kwimimoya ekhohlakelyo, nakwingozi esingazaziyo zalemini, Siyakubulela ngokuiithumelela umoya oyingcwele ukuze asicebese, asikhusele. Siyakuthandaza Bawo ngokuijalo nathi sabelane nabo abadinga uncedo lwethu, sibakhokelele ekwazini uthando,amandta nobungangamsha bakho ukuze kufezeke iminqweno yabo ngathi.
Oku sikucela ngoKrestu iNkosi yethu.
Amen

Sithi sonke

Ubabalo lweNkosi yethr uYesu Krestu, noth*ndo lukaThixc, nodlelano loMoya oyiNgcwele, malube nathi sonke ngonaphakade.
Amen

CHORUS:

Thuma mina x2 Thuma mina naNkosiya
Ndiyavuma x2 NdiyavumaNkosi yam